Isalathiso: 20210820-5169
Inombolo yefayili: 12/16/8/R
Imibuzo: C Davids

INgcaciso eMfutshane ye-*Cape Teaching and Leadership Institute:* 0004/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli, (KwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kuBafundi, kuBaphathi beeSekethe, kuBaphathi be-*Cel Service*, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNqununu zezikolo zikarhulukumente, kwiiNtloko zamaziko eBakala R abhalisiweyo nakooSihlalo bamabhunga olawulo kwizikolo zikarhulumente

Isihloko: Isimemo sekhosi yootitshala i-*Microsoft in Partners in Learning (MS PiL) "Skills for Teachers" course*

1. Ngokubambisana neSebe leMfundo leNtshona Koloni, (ISebe iWCED), iziko le-*Information and Communication Technology (ICT) Training Unit (Centre for e-Innovation)* liququzelela ikhosi eyenziwa ngekhompyutha eyi-*online ICT training course* yootitshala beSebe iWCED kwiphondo ngokubanzi. Kucelwa ufunde kwiSetyhula:Circular 0050/2016, yomhla we-26 Novemba 2016.

2. Injongo yale khosi kukunceda ootitshala bafumane izakhono ze-*ICT* eziyimfuneko ekuthatheni inxaxheba kwiikhosi ezizii-*advanced ICT integration courses*, ezifuna ubuchule kwi-*ICT* obukwinqanaba eliphezulu.

3. Eli lithuba **loqeqesho ngekhompyutha ngokupheleleyo** (***100% online training opportunity***) lootitshala abangenako ukuya kwikhosi yekhompyutha ngeziqu zabo kodwa bekufuna ukuphucula izakhono zabo zekhompyutha.

3.1 Uqeqesho ngekhompyutha lubanika ootitshala abaxaxekileyo ithuba lokuphucula izakhono eziya kubanceda ukuba bafikelele kwiinjongo zabo buqu nezo zobuchule bomsebenzi abawuqeqeshelweyo. Ezinye zeenzuzo ezininzi ezibalulekileyo ze-*eLearning* ziquka:

- ukuphucula ukubanako kwabo ukugcina ulwazi;
- ukulungelana lula neeshedyuli ezixakekileyo; kunye
- namava okufunda alungelelana nolwazi abanalo.

4. **Ukufaneleka kwikhosi**

4.1 Aba titshala balandelayo ngabafanelekileyo kule khosi. Ngootitshala–

- abangayigqibanga ikhosi *"ICT Skills for Teachers" computer course* ngaphambili;
- kukhethwa abo sele befumene ulwazi ngamanyathelo okuqala ka-*word processing,*
- abo baya kwenza ikhosi yokuhlanganisa i-*ICT* nekharityhulam *(integration of ICT into the curriculum)*, kwinqanaba elilandelayo; kunye
- nabo basebenza kwizithuba zebhunga lolawulo.

4.2 Aba titshala balandelayo NGABAFANELEKANGA kule khosi. Ngootitshala –

- abafundisa izifundo ze-*Information Technology and Computer Applications Technology;*
- abayigqibayo i-*MS PiL* ngaphambili, kunye
- nabayigqibileyo i-*International Computer Driving License (ICDL)/Internet and Computer Core Certification (IC³), i-Web Quest, i-Intel Teach Essentials okanye i-Advanced Certificate in Education (ICT-based)*.

5. **Iinkcukacha zekhosi**

5.1 Kucelwa nifunde **isiHlomelo A** ukufumana iinkcukacha zekhontenti yekhosi.

5.2 Ikhosi iya kuqhuba ukususela ngowe-**13 Septemba 2021 ukuya kwi-19 Novemba 2021**.

5.3 Le khosi **ASIYIYO eyabaqalayo**.

5.4 Uqeqesho luya kuqhutywa **NGEKHOMPYUTHA** yaye **AKUYI kubakho ziseshoni zokudibana kwabantu.** Nakuba kunjalo uya kuba nomququzeleli oyi-*eFacilitator* okunika inkxaso novavanya imisebenzi yakho.

5.5 Abathathi-nxaxheba baya kusebenza ngesantya sabo yaye baneeyure eziyi-40 ezona zininzi ukugqiba ikhosi phakathi kowe-13 Septemba 2021 nowe-19 Novemba 2021.

5.6 Imisebenzi eyi-30 iyonke egqitywe ngokuyimpumelelo ilingana namanqaku ayi-30 e-*Continuing Professional Development points*. Ukususela ngowe-01 Januwari 2017, kufuneka iinombolo zobhaliso ze-*South African Council for Educators.*

6. **Ukubhalisa nokubakho kwikhosi**

6.1 Kucelwa nifunde **isiHlomelo B** ukwenzela ubhaliso nenkqubo yokwenza isicelo.

6.2 Ukubhukisha emva kwexesha neefeksi **AZIYI** kuthathelwa ngqalelo.

6.3 Abenzi-sicelo abaphumeleleyo baya kwaziswa nge-imeyili ngoko ke idilesi ye-imeyili echanekileyo ibaluleke gqitha.

6.4 Abathathi-nxaxheba baya kuthwala uxanduva lokuhlawula iindleko ukuba abazifezekisi iimbopheleleko zabo zokugqiba uqeqesho oluqhutywa kwikhompyutha oluxhaswa ngezimali. Ukubakho kwikhompyutha (*online presence*) kwabathathi-nxaxheba kuya kubekwa esweni yaye kuya kusetyenziselwa **ukungqinisisa ukubakhona** kwabo kwikhosi. Kucelwa nifunde kwi-:Internal Human Capital Development Minute 0009/2008 yomhla we-15 Oktobha 2008, ngokumalunga nokurhoxa kumaphulo oqeqesho longenelelo ngoncedo.

7. Izicelo zokufumana uncedo olungaphezulu okanye imibuzo inokubhekiswa ku-Nks Ronwynne Rhoda apha: info.icttraining@westerncape.gov.za.

8. Ziyacelwa iinqununu zazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke ootitshala ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2021-08-24